

## **Bafundi nabo banokuba ngabafundi ababekekileyo**

Kuluvuyo kum ukunamkela kwakhona ekhampasini nokuba ndivuyisane nabo banokuba ngabafundi ngokwamkelwa kwabo. Ndininqwenelela nonke unyaka wezifundo onenkqubela nonempumelelo.

Kwezi veki zimbalwa zidlulileyo, abasebenzi bethu bezolawulo nabezemfundo bebesebenza nzima ukuqinisekisa ukuba abafundi bethu babhalisiwe kwaye bakulungele ukuqalisa izifundo. Kuluvuyo kuthi ukuxela ukuba uninzi lwabafundi bethu abenza unyaka wokuqala sele lubhalisile ngempumelelo.

## **Ubhaliso lweNARGA (lwasekhampasini / ubhaliso olungokuncediswa)**

Sifumene ukungena komthwalo omkhulu kakhulu wemibuzo nezicelo ebeziqulathe imithamo emikhulu yee-imeyile ekuzeni kokuqala kwalo nyaka wezifundo. Injongo yethu ngelixa leeveki ezimbalwa zokuqala ibikukwamkela nokubhalisa abafundi bethu abenza unyaka wokuqala abaqalayo ukufika, ukuze siqinisekise ukuba bayakwazi ukuzimasa inkqubo yokwamkelwa nokuba bazinze kakuhle ekhampasini.

Singathanda ukubulela abafundi bethu abangafikiyo nababuyayo ngomonde wabo ngelixa lesi sithuba sobhaliso sixakeke kangaka. Abafundi abangakhange bakwazi ukubhalisa nge-intanethi kufuneka basebenzise indlela yobhaliso lwasekhampasini neza kufumaneka phakathi komhla we6 ukuya kowe10 kweyoMdumba kowama2023 eNARGA. Nceda ukhangele apha [iShedyuli yoBhaliso](#) ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe.

## **Ikhampasi yaseTygerberg**

Abafundi bakwiFakhalithi yezoNyango neeNzululwazi zezeMpilo (FMHS) abafunda kwenye phakathi kwekhampasi yaseTygerberg okanye kwikhampasi yaseStellenbosch kufuneka balandele ishedyuli yobhaliso lwasekhampasini njengoko kunxityelelwana ngayo kwezi zaziso zilapha ngezantsi (nalapho kukwabonelelwa ngeenkcukacha zoqhagamshelwano nabezenkxaso abafanelekileyo kwezi zaziso):

- [ABafundi aBatsha abangezoZithwalandwe](#)
- [ABafundi abaBuyayo](#)

IZiko lezoLawulo lwaBafundi (kwiKhampasi yaseTygerberg) liza kubalandelela bonke abafundi beFMHS abafanelekileyo ngokwezemfundo abangabhalisanga. Abo bafundi baza kufumana unxibelelwano olungqalileyo emva komhla we10 kweyoMdumba ukuze kumiselwe inkxaso abayidingayo khon'ukuze babhalise kulo nyaka.

## **INGxowamali yeSizwe yokuNceda aBafundi abaNgathathi ntweni (NSFAS)**

I-SU iyazi kakuhle kakhulu imingeni yezezimali abajamelene nayo abafundi bethu ngenxa yesithintelo esibekwe ngabeNgxowamali yeSizwe yokuNceda aBafundi abaNgathathi ntweni (NSFAS) kwisibonelelo sezezindlu.

## **Inkqubo yezibheni zikaNSFAS**

Inkqubo yezibheni zikaNSFAS iqale ekuzeni kuphela kwenyanga yoMqungu kwaye iya kuvala ngoMvulo umhla wama20 kweyoMdumba kowama2023.

Zonke izibheni zikaNSFAS zingeniswa ngqo kwaNSFAS ngokusebenzisa iphothali kaNSFAS. I-SU ayinalo ifuthe okanye ufikelelo kuloo phothali ngelixa lale nkqubo.

Abafundi kufuneka baqinisekise ukuba bafaka iinkcukacha ezichanekileyo kule phothali kwaye bazifaka ngexesha elifanelekileyo

Bonke abafakizicelo abanesimo sokufaka isicelo esithi "unsuccessful" (izicelo ezingaphumelelanga) bangangena kwii-akhawunti zabo zika-myNSFAS baze bangenise izicelo zezibheno ezikhatshwa yingcaciso namaxwebhu afunekayo.

Abafundi ababuyayo abakwiminyaka yabo ye-N+ nabo kuya kufuneka bafake ileta yokuthambekela efunyenwe kwiYunivesithi neza kubonakalisa inani leemodyuli neekhredithi ezishiyekileyo ngaphambi kokuba bathweswe izidanga.

Unxibelelwano lwe-imeyile luya kuthunyelwa kananjalo kubafundi abachaphazelekayo ngoko nangoko emva kokuqunjelwa kwenkqubo yezibheno.

### **Isithintelo sesibonelelo sezeZindlu sikaNSFAS**

Ngomhla we14 kweyoMnga kowama2022, uNjing Stan du Plessis, iCOO yaseSU, yaye yathumela unxibelelwano, [unxibelelwano](#), olumalunga nesithintelo esingamaR45 000 kwisibonelelo sezezindlu sikaNSFAS kowama2023. I-SU yaye yafaka isibheno sokungabalwa kwisithintelo sesibonelelo sezezindlu kwaye ilinde impendulo esuka kwaNSFAS malunga nesiphumo soko.

Abafundi abaxhaswa ngezimali nguNSFAS abachaphazelekayo sesi sithintelo sesibonelelo sezezindlu bayacelwa ukuba babhalise kuvimba wethu wedatha. Oku kuza kusenza ukuba sibe nako ukubonelela uNSFAS ngengcaciso egcweleyo malunga neziphumo zesi sigqibo. Ukuze ubhalise kuvimba wethu wedatha, nceda ucofe [APHA](#). I-SU yenze la malungiselelo alandelayo ukuxhasa abafundi ngelixa lesithuba sobhaliso:

#### *Isithuba sobhaliso*

Umhla wokugqibela wokubhalisa uza kubhekiswa kude kube ngoLwesihlanu, umhla we3 kweyoKwindla kowama2023 kubafundi abalibazisekileyo ngokwenkxasomali. Intlawulo yokubhalisa emva kwexesha elimiselweyo iya kuthi ke ngoko irhoxiswe de kufike loo mhla.

#### *IQela eliSebenza ngaMatyala aBafundi*

Abafundi abangama314 bebonke bathe bafaka izicelo zokuncediswa liQela eliSebenza ngaMatyala aBafundi (SDWG). Ezo zicelo zivavanywa ngokwendlela yeemeko ngeemeko ngokushiyana kwazo nangezimvo ezisuka kwiOfisi yeeBhasari zaBafundi abaNgezozithwalandwe, iOfisi yaBafundi abaNgezozithwalandwe, iiNtlawulo zaBafundi kwakunye neBhunga eliMele aBafundi (SRC), nabamelwe bonke kweli Qela liSebenza ngaMatyala aBafundi.

Iimeko ezo ziya kuhlalutywa engadlulanga uLwesihlanu, umhla we3 kweyoMdumba kowama2023 nalapho umjikelo wokuqala wamatyala aya kurhoxiswa engadlulanga uLwesibini, umhla we7 kweyoMdumba kowama2023.

Umhla wokuvalwa kokufakwa kwezicelo kwiSDWG nguMvulo, umhla wama20 kweyoMdumba kowama2023. I-SDWG inenjongo yokugqiba zonke iimeko ezisileleyo ize ibonelele ngeziphumo engadlulanga uLwesibini umhla wama28 kweyoMdumba kowama2023.

#### *Ufikelelo lwethutyana kuSUNLearn*

Abafundi ababuyayo abangaqaliyo ukufika abanolibaziseko lwenkxasomali nabafakizicelo kwiSDWG abanezimo zezicelo ezisaxhomekekileyo okanye ezisalinde

ukuvavanywa baza kuncedwa ngofikelelo lwethutyana kwiqonga likaSUNLearn. Abafundi abafuna ufikelelo lwethutyana kuSUNLearn kwikhampasi yaseStellenbosch kufuneka bancede babhalise iimfuno zabo kwiSRC kule dilesi [src@sun.ac.za](mailto:src@sun.ac.za)

Abafundi beFMHS abafuna ufikelelo lwethutyana kuSUNLearn kufuneka baqhagamshelane ngqo nabaququzeleli beenkqubo zezifundo zabo ngokushiyana kwabo ukuze bafumane uncedo malunga noko.

#### *Imithombo yenkxasomali eyeminye*

Siyabakhuthaza abafundi ukuba baphengulule ezi ndlela zinokukhethwa zilandelayo ukuze bakhawulelane nako nakuphi na ukusilela kweentlawulo zabo zezifundo okanye zeendawo zokuhlala:

- I-SU ibambisene noCapitec, uNedbank noStandard Bank ukuze ibonelele ngeemalimboleko zabafundi ezifikelekayo kubafundi baseSU. Nceda ucofe [APHA](#) ukuze ufumane ingcaciso emalunga neli thuba lenkxasomali.
- I-Crowdfunding engeFeenix.org izibonakalise ukuba ingumthombo othembakeleyo wenkxasomali kubafundi. Ukuze ufikelele kwingcaciso emalunga neli thuba, nceda ucofe [APHA](#).

#### **Iindawo zokuhlala zabafundi**

Nceda uqaphele oku kulandelayo ngokuphathelele neendawo zokuhlala zabafundi:

Uluhlu lwabalindileyo olutsha luye lwavulwa ngoLwesithathu, umhla wo1 kweyoMdumba ku-my.su.ac.za. Bonke abafundi abasadinga ukufakwa kwiindawo zokuhlala bavumelekile ukuba babhalise kolu luhlu lwabalindileyo. Nje ngokukhawuleza emveni kokuba kufunyaniswe ukuba kukho abalurhoxisileyo ubhaliso kuya kunikwa ingqwalaselo abafundi abakolo luhlu.

**Abafundi abenza unyaka wokuqala:** Abafundi abaxhaswa ngezimali nguNSFAS ngabo ababekwa phambili

**Abafundi abangafikiyo:** Ababekwa phambili ngabafundi abafanelekileyo nabazifezekisayo iimfuno zekhrayitheriya yokufakwa kwiindawo zokuhlala.

Iindawo zokuhlala zabucala ezivunyiweyo zale Yunivesithi zibekwe ngokwekhathegori ehambelana nesithintelo seendawo zokuhlala sikaNSFAS esingamaR45 000 ngolu hlobo lulandelayo:

- **Indawo yokuhlala evunyiweyo ephakathi kwesi sithintelo** iquka indawo yokuhlala equka konke (iwayifayi, amanzi nombane) kwaye iyonela kwisithintelo samaR45 000.
- **Indawo yokuhlala evunyiweyo egqithela ngaphezu kwesi sithintelo** iquka indawo yokuhlala egqithela ngaphezu kwesithintelo sikaNSFAS samaR45 000. Abafundi baya kuba noxanduva lwaso nasiphi na isixamali esithe sagqithela ngaphezu kwesixa esisisithintelo sikaNSFAS.

#### **Iinkcukacha zoqhagamshelwano**

Nceda ungathandabuzi ukuqhagamshelana nathi ukuba udinga uncedo:

- Imibuzo: 021 808 9111 okanye [info@sun.ac.za](mailto:info@sun.ac.za)
- libhasari zabafundi abangezozithwalandwe: 021 808 4115/9300 /9386 okanye [nsfas@sun.ac.za](mailto:nsfas@sun.ac.za)
- libhasari zabafundi abazizithwalandwe: 021 808 4208 okanye [postgradfunding@sun.ac.za](mailto:postgradfunding@sun.ac.za)

- Ufikelelo lwethutyana kuSUNLearn: [src@sun.ac.za](mailto:src@sun.ac.za)

Nceda uqinisekiseke ukuba siyaqhubekeka nokuthethana nabachaphazelekayo abafanelekileyo ngaphakathi nangaphandle nokuphengulula iindlela zokunceda abafundi bethu nangakumbi ekukhawulelaneni nemingeni yabo yezezimali. Siza kuhlala sikwazisa ngawo nawaphi na amathuba enkxasomali ongezelelweyo ngokuye evela.

Ndininqwenelela nonke unyaka wezifundo onempumelelo!

Ngemibuliso emihle

**Gqr Ronel Retief**